



Ilifu loMnyama

Ibali likaMkabayi noMmama

Zanele Dlamini Selina Morulane Sibusiso Mkhwanazi

Ilifu loMnyama

Ibali likaMkabayi noMmama

Le ncwadi yeka





Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.

*Ilifu loMnyama: Ibali likaMkabayi noMmama
(The Rainbow Cloud)*

Illustrated by Selina Morulane

Written by Zanele Dlamini

Designed by Sibusiso Mkhwanazi

Edited by Glynis Lloyd

Translated by Sihle Siko

with the help of the Book Dash participants in Cape Town on 19 November 2016.

ISBN: 978-1-77623-085-3

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (<http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.

No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.

Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.

No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.

Ilifu loMnyama



Zanele Dlamini Selina Morulane Sibusiso Mkhwanazi



Kudala-dala kumhlaba wamaZulu,
ukumkani uJama kaNdaba
wayenamandla kakhulu, enobulumko,
elungile yaye enobubele.

Kodwa wayengenabantwana
yaye waye ekhathazekile ukuba
wayengazi kuba nandlalifa.

Wathandaza wenza iminikelo
kwizithixo kodwa zange
kwenzeke nto.





Ngobunye ubusuku, xa yayisalele ikumkani, kwafika igqirha ephupheni.

“Izithixo zisivile isicelo sakho yaye ikumkanikazi iza kufumana amawele. Elinye liya kuphatha isizwe samaZulu yaye elinye liya kuba nemilingo,” latsho igqirha.

Azalwa amawele uMkabayi noMmama
kodwa ikumkanikazi yakhalela
uMkabayi kuba umthetho wawusithi
iwele elizelwe kuqala kufanele
linikelwe kwizithixo.

Inkosi ngokubona usizi
lwekumkanikazi, yathi, “Ukususela
namhlanje, xa amawele ezelwe,
bobabini abantwana baya kuphila.”

Abantu babhiyoza kodwa asingabo
bonke ababonwabele umthetho
omtsha wekumkani.





Amantombazana amancinci akhula kakuhle. Ngenye imini uMkabayi walwa ngeentonga wayoyisa inkwenkwe eyayixhaphaza abanye abantwana.

“Hamba umke, ntombazanandini eqalekisiweyo!” yatsho inkwenkwe.

“Buya, Mkabayi!”

UMkabayi wakhala waza wabaleka wayokungena ehlathini apho kwakuhlala iziporho ezoyikekayo uHornhead noLongtom.






UMmama wema ethe cwaka waza
wawavala amehlo akhe.

Umanyano lomlingo oluphakathi
kwamawele lwakhokelela uMmama
kudadewabo.

“Akukho mntu ufuna ukudlala nam,
ndiqalekisiwe!” wakhala uMkabayi.

“Ndifuna ukudlala nawe,”
watsho uMmama.





“Siza kuba nesidlo esimnandi sangokuhlwa namhlanje Longtom,” watsho uHornhead.

UMkabayi wachola intonga.

“Awuna kukwazi ukubulala iziporho ngentonga!” Wahleka uLongtom.



“Kunjani ngesi?” watsho
uMmama, ephakamisa
isandla sakhe.

Iindudumo zagqekreza waza
umbane wabetha iziporho,
ngexesha ilifu lomnyama
likhusela amantombazana.

“Ukwenze kanjani oko?” wabuza
uMkabayi.

“Ngolwaa hlobo ububethe ngalo laa
nkwenkwe!” watsho uMmama.





Amantombazana agoduka
onwabile, esazi ukuba
nantoni na eyayinokwenzeka
ayenokukhuselana.

